# Okuphathelele kwityhefu:

# Ukuya esibhedlele Msinya naPhambi kwexesha

## Umnxeba woNcedo woLwazi lwezeTyhefu

**lwaseNtshona Koloni, olukhonza uMzantsi Afrika**

# 0861 555 777

**Luveliswe: YiTygerberg Poison Information Centre**
toxicology@sun.ac.za / www.sun.ac.za/poisoncentre

**Gcina le tshathi endaweni ebonakalayo ukuze wazi omawukwenze ngesehlo sokudibana netyhefu.**

**Qhagamshelana nomnxeba woncedo lolwazi oluphathelele kwityhefu uze ulandele izikhokelo zonyango zeendidi ezahlukeneyo ezilapha ngezantsi.**

### Kwezi zehlo zilandelayo :

**Sukumgabhisa umntu. Sukumnika nantonina eselwayo okanye etyiwayo.**

- I-Acetone
- Ibhetri (Iqhosha)
- Ibhenzina
- ICamphorated Oil
- ICarbon Tetrachloride
- Izibulali-ntsholongwane
- Izibasi-mlilo
- Izibulali-zinambuzane
- Izigxothi-ziNambuzane
- IiLiniment (umz. iwintergreen)
- IziCoci zeSinyithi &neePholishi
- Izisusi zetyhuteksi
- Iparafini
- Ipeyinti (eye-Oyile)
- IziSusi zePeyinti (Isinyibilikisi)
- Iyeza lokubulala izitshabalalisi
- Ipetroli
- ISnail Bait
- Ithinners
- Iturpentine (Iminerali)
- Ivanishi

### Kwezi zehlo zilandelayo :

**Sukumgabhisa umntu. Umlinganiselo omncinci wamanzi unganikwa ngomlomo. Ungazami ukudumaza ityhefu.**

- I-ammonia
- I-asidi
- I-Asidi yeBhetri
- Isihlophisi
- Isoda edlakazayo
- Isamente
- Iklorini (yamachibi)
- IiCondy's crystal
- Izihlambululi
- Isephu engamanzi yokuhlamba izitya
- Isephu engumgubo yokuhlamba izitya (eyomatshini)
- IziCoci zeDreyini
- Iidayi (zeLaphu okanye zeeNwele)
- Isithambisi-mpahla
- Izichumiso
- Izijiki-bala zeeNwele
- IiPhem zeeNwele
- Izoluli-Nwele
- IHydrochloric Acid
- IHydrogen Peroxide
- Iyeza lamanundu (iNaphthalene)
- Izicoci ze-owuveni
- IziSusi zePeyinti (Ezidlakazayo)
- Uzifo zonke
- IziCoci zeNdlu yangasese
- ISephu enguMgubo
- Isoda yokuhlamba
- Izibulala-khula (iiHerbicides)
- IziCoci zeeFestile (zeGlasi)

### Kwezi zehlo zilandelayo :

**Sukumgabhisa umntu. Umlinganiselo omncinci (ihafu yekomityi) yamanzi unganikwa ngomlomo.**

- Utywala
- Ikhalamayini
- Iikhozmethikhi
- Izibulala-vumba
- Iipilisi zeFluoride (nika **ubisi**)
- Iglu (encamathelayo & enye)
- IMercurochrome
- Isipirithi
- Iziqholo
- Izityalo
- Isibulali-mpuku (umz. iRateksi)
- Iishampu
- ISurgical spirithi

### Kwezi zehlo zilandelayo :

**Nangona ukugabhisa kungeyonkqubo yesiqhelo ngokuqhelekileyo, ingasetyenziswa kwisigulane esithe qwa nesiphaphileyo ukuba kungasetyenziswa kwiyure yokutyiwa ngemilinganiselo emikhulu. Oku kungenzeka ngokunika iglasi yamanzi adikidiki, ilandelwe ngokuvuselela umqala ngokufaka umnwe ngobunono okanye umva obuthuntu wecephe. Ungazingisi ngale nkqubo ukuba ayisebenzanga okokuqala.**

- IAspirini
- Iipilisi ze-ayoni
- Iinkowane–eziyityhefu
- IParacetamol
- Iipilisi
- Iithabhulethi
- Iivithamini ezine-ayoni

**Ukulunywa yinyoka, ukulunywa sisigcawu okanye ukuhlatywa ngunomadudwane: Ukuba kuyenzeka, zama ukuchonga umoni uze uqhagamshelane nomnxeba woncedo lolwazi oluphathelele kwityhefu uze use isigulane eklinikhi/ esibhedlele ngokukhawuleza kangangoko.**

**GCINA ONKE AMAYEZA, IIKHEMIKHALI ZEKHAYA NAMAYEZA OKUBULALA IZITSHABALALISI APHO ABANTWANA BANGENAKUFIKELELA KHONA.** Ukuba into enetyhefu ingena emehlweni, sukuzama ukuyidumaza, **pula** nje amehlo ngamanzi ngobunono imizuzu eli-15–20 uze use umntu lowo kweyona klinikhi ikufutshane okanye isibhedlele. Ukuba into enetyhefu idibana nesikhumba, hlamba ngesephu namanzi. **Yiya nesiqulathi nesampuli yeyeza okanye ityhefu okanye isityalo okanye esinye isipesimeni sebhayoloji eklinikhi okanye esibhedlele kunye nesigulane.**

Onke amalungelo agodliwe @Faculty of Medicine and Health Sciences, Stellenbosch University